URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Antoinette Venter**
ICandelo leKharityhulam ye-*GET*
Antoinette.Venter@westerncape.gov.za | 021 467 2501

Inombolo yefayili: 21/2/5/2/E³NOTICE
Isalathiso: 20230418-3513

INgcaciso eMfutshane yeKharityhulam ye-*GET*: 0007/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*GET*, kuBacebisi ngeZifundo beSigaba esiPhezulu nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezizimeleyo

**Isihloko: Isaziso sokuphunyezwa kweprogram i-*Entrepreneurship*, *Employability and Education* (*E*³) yeprojekthi yeSifundo i-*Economic Management Sciences* seBakala 7 kwiKota 3**

1. I-*DBE-E*³ Programme yiprogram ebaluleke kakhulu yeSebe leMfundo esiSiseko (iSebe i*DBE*) yaye ingundoqo wokuphumeza ithagethi ye-*Medium-Term Strategic Framework* 2020–2024 yokuba engadlulanga owama-2024, zonke izikolo ziya kuqalisa i-*Entrepreneurship Education*. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*) lizibophelela ngokuyiqalisa le program kazwelonke kwiBakala 7 kuzo zonke izikolo eNtshona Koloni.

2. Injongo yeProgram i-*DBE-E*³ *Programme* kukuphumeza indlela yokufunda ngokuthatha inxaxheba ukwenzela ukuba bafumane amava, apho kwenziwa imisebenzi esekelwe kwisifundo (*activity-based*) kusetyenziswa indlela yokufunda kusenziwa iprojekthi yesifundo ukwenzela ukuba abafundi balungiselelwe ilizwe elitshintshayo.

3. Le program iya kuqaliswa kwiSifundo i-*Economic and Management Sciences* (*EMS*) kwiKota 3. Iyinxalenye yeeNkcazo zoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*Curriculum Assessment Policy Statements*) yaye iya kuba ngumsebenzi wovavanyo kwiKota 3, oko kukuthi iprojekthi.

4. Uqeqesho lootitshala beSifundo i-*EMS* seBakala 7 luya kuqhutywa ngekhompyutha. Imihla namaxesha, kwakunye neelinki ezilungiselelwe uqeqesho, zikwitheyibhile engezantsi:

| Umhla | Ilinki yomntu okhoyo kuqeqesho |
|---|---|
| NgoLwesihlanu, 05 Meyi 2023, 15:30–17:00 | *Economic Management Sciences EMS Cohort 2 (05 Meyi 2023)* |
| NgoLwesihlanu, 12 Meyi 2023, 15:30–17:00 | *Economic Management Sciences EMS Cohort 2 (12 May 2023)* |
| NgoLwesihlanu, 19 Meyi 2023, 15:30–17:00 | *Economic Management Sciences EMS Cohort 2 (19 May 2023)* |
| NgoLwesihlanu, 26 Meyi 2023, 15:30–17:00 | *Economic Management Sciences EMS Cohort 2 (26 May 2023)* |

5. Iseshoni iya kuqhutywa ngesiNgesi.

6. Iprojekthi yeSifundo i-*EMS* seBakala 7 (amanqaku aziingongoma eziphambili eprojekthi nezixhobo nezibonelelo zootitshala, neencwadi zomsebenzi zabafundi) inako ukufunyanwa kusetyenziswa le linki ilandelayo: **Grade 7 EMS project Term 3.**

7. ISebe i-*WCED* linobuhlakani ne-*Rotary Club* ukwenzela ukunika iingcebiso ukulungiselela ootitshala abaqalisa iprojekthi yeBakala 7. Uxanduva loMcebisi onezakhono zokucebisa oyi-*Rotary* kukunika inkxaso kubantu abaqeqeshwayo bethatha izigqibo ezilungileyo ngomgangatho ophezulu wokuqonda nowokuhambelana nemeko, besebenzisa iinkqubo ezikumgangatho ophezulu, yaye besenza imisebenzi ngendlela esebenzayo ukuze babenako ukuphumelela. Ukuba ufuna ukwenza isicelo sokuba ufumane uMcebisi onezakhono zokucebisa oyi-*Rotary mentor*, kufuneka uzalise ifom, usebenzisa le linki ingezantsi phambi okanye **ngoLwesihlanu, 19 Meyi 2023**: **https://forms.gle/3WZL5LcvQyvtXtTK7.**
**Kucelwa kuqatshelwe: Asinguye wonke umntu owenze isicelo sokwenza inkonzo yokucebisa oya kufumana isithuba sokuba ngumcebisi kuba enze isicelo ngokuba liqingqiwe inani labacebisi abafunekayo.**

8. Ukufumana ingcaciso engaphezulu, kucelwa uqhagamshelane nomququzeleli wephondo, u-Dr Antoinette Venter, apha Antoinette.venter@westerncape.gov.za okanye 021 467 2501.

9. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okule ngcaciso imfutshane ootitshala beSifundo i-*EMS* kwiBakala 7 ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2023-04-24